



Stellenbosch
UNIVERSITY
IYUNIVESITHI
UNIVERSITEIT

UMGAQONKQUBO UKUSETYENZISWA KUNYE
NOKUGUNYAZISWA KWEEMPAWU
ZORHWEBO ZEYUNIVESITHI YASE



forward together
sonke siya phambili
saam vorentoe

1 Janyuwari 2023

UMGAQONKQUBO UKUSETYENZISWA KUNYE NOKUGUNYAZISWA KWEEMPAWU ZORHWEBO ZEYUNIVESITHI YASE

Uhlobo loxwebhu:	Umgaqonkqubo
Injongo:	Ukwenza uxwebhu lomgaqonkqubo osisikhokelo nolawula ukusetyenziswa nokugunyaziswa kweempawu zorhwebo zeYunivesithi yaseStellenbosch
Samkelwe:	Libhunga leYunivesithi yaseStellenbosch
Umhla wokuvunywa	28 Novemba 2022
Umhla wokuphunyezwa kwawo	1 Janyuwari 2023
Umhla wohlaziyo oluzayo/amatyeli ohlaziyo:	1 Janyuwari 2028
Uhlaziyo olugqithileyo:	Uxwebhu lomgaqonkqubo wokuqala ophunyezwe ngoOkthobha ngonyaka wama2016 Uxwebhu lomgaqonkqubo ohlaziye ngonyaka wama2021 Uxwebhu lwesibini lomgaqonkqubo ophunyezwe ngoJanyuwari wonyaka wama 2023
Umnini womgaqonkqubo:	IGosa eliLawula iMisebenzi kwiYunivesithi yaseStellenbosch
Umgcinimafa womgaqonkqubo:	UMphathi oyiNtloko: Ukwenziwa kwezinto ezintsha kunye noRhwebo, noMphathi oyiNtloko: Kunxibelelwano lwenkampani nakwiNtengiso kwiYunivesithi yaseStellenbosch
Amagama angundoqo:	Uphawu lorhwebo, ibhrendi, ilayisenisi, imveliso eyilwe ngobungqondi
Ukusebenza:	Kwimeko zeyantlukwano ekutolikweni inguqulelo yesiNgesi yalo mgaqonkqubo iya kuthathwa njengenguqulelo esebenzayo.

**UMGAQONKQUBO UKUSETYENZISWA
KUNYE NOKUGUNYAZISWA
KWEEMPAWU ZORHWEBO
ZEYUNIVESITHI YASE**

Isiqulatho

1. Intshayelelo.....	- 1 -
2. Ukuphunyezwa komgaqonkqubo.....	- 1 -
3. Iinkcazomagama.....	- 2 -
4. Iinjongo zomgaqonkqubo	- 6 -
4.1. Ukuququzelela ngokunxulumene neempawu zorhwebo	- 6 -
4.2. Ukumisela iinkqubo zolawulo olunxulumene neempawu zorhwebo.....	7
4.3. Ulondolozo olunxulumene neempawu zorhwebo.....	7
5. Izimiselo zomgaqonkqubo	- 7 -
6. Imiqathango yomgaqonkqubo	7
6.1. Ukusetyenziswa kweempawu zorhwebo ngeenjongo ezingezizo ezorhwebo	- 7 -
6.1.1. Abachaphazelekayo	- 7 -
6.1.2. Ukuvunywa kokusetyenziswa kweempawu zorhwebo	- 8 -
6.1.3. Utshintsho kwiimpawu zorhwebo	- 8 -
6.1.4. Uqinisekiso	- 8 -
6.1.5. Ukusetyenziswa ngokudibeneyo kweempawu zorhwebo.....	- 9 -
6.1.6. Ukusetyenziswa kweempawu zorhwebo okunocalucalulo Unyino nothintelo	- 9 -
6.1.7. Ukusetyenziswa kweempawu zorhwebo ngokunxulumene neziselo ezinxilisayo kunye neempahla neenkonzelo ezinxulumene newayini.....	- 10 -
6.1.8. Ukusetyenziswa kweempawu zorhwebo kutyikityo lweimeyili.....	- 10 -
6.2. Ukukhutshwa kweelayisenisi zeempawu zorhwebo ngeenjongo nezingezizo ezorhwebo -	10
6.2.1. Abachaphazelekayo	- 10 -
6.2.2. Ukuvunywa kwelayisenisi yeempawu zorhwebo.....	- 11 -
6.2.3. Inkqubo yokufumana ilayisenisi yophawu lorhwebo	- 11 -
6.2.4. Isivumelwano selayisenisi yophawu lorhwebo.....	- 11 -
6.2.5. Uxanduva lwentlalo kunye nokusingqongileyo	- 11 -
7. Ulawulo lomgaqonkqubo.....	12
7.1. Imisebenzi	- 12 -
7.1.1. IGosa eliLawula iOfisi, njengomnini woxwebhu lwalo mgaqonkqubo.....	- 12 -
7.1.2. Umlawuli oyiNtloko: woSungulo lweZinto Ezintsha kunye noRhwebo, njengabasebenzi beziko (umgcini) bolu xwebhu lomgaqonkqubo, noMlawuli oPhezulu: Wonxibelelwano lweNkampani kunye neNtengiso	- 12 -
7.1.3. IOfisi yoPhawu loRhwebo, iselInnovus	- 12 -
7.1.4. Ivenkile yaseMatie	- 12 -

7.1.5.	iCandelo loQhagamshelwano lweZiko noBhengezo	- 13 -
7.2.	Izenzo zokungathotyelwa	- 13 -
8.	Uhlaziyo	- 13 -
9.	Amaxwebhu axhasayo	- 13 -
10.	Amaxwebhu anxulumeneyo	- 14 -
	ISIHLOMELO A: INKQUBO YOKUFUMANA ILAYISENISI YOPHAWU LORHWEBO	166
	ISIHLOMELO B: IFOMU EQHELEKILEYO YESICELO SELAYISENISI YOPHAWU LORHWEBO ...	17

Inombolo yesalathiso yolu xwebhu	
Ihlelo leHEMIS	
Injongo	Ukwenza uxwebhu lomgaqonkqubo osisikhokelo nolawula ukusetyenziswa nokugunyaziswa kweempawu zorhwebo zeYunivesithi yaseStellenbosch
Uhlobo loxwebhu	Umgaqonkqubo
Ukufikeleleka	Indawo ephakathi yokugcina amaxwebhu omgaqonkqubo kwiYunivesithi yaseStellenbosch, Beleid@US/Policy@SU, ifikeleleka ngaphakathi nangaphandle
Umhla wokuphunyezwa kwawo	1 Janyuwari wama2023
Umhla wohlaziyo	1 Janyuwari wama2028
Imbali yomgaqonkqubo	Uxwebhu lomgaqonkqubo wokuqala ophunyezwe ngoOkthobha ngonyaka wama2016 Uxwebhu lomgaqonkqubo ohlaziye ngonyaka wama2021 Uxwebhu lwesibini lomgaqonkqubo ophunyezwe ngoJanyuwari wonyaka wama 2023
Umnini walo Mgaqonkqubo	IGosa eliLawula iMisebenzi yeYunivesithi yaseStellenbosch
Igosa leli ziko (umgcinimafa) ojongene nalo Mgaqonkqubo	UMphathi oyiNtloko: Ukwenziwa kwezinto ezintsha kunye noRhwebo, noMphathi

	oyiNtloko: Kunxibelelwano lwenkampani nakwiNtengiso kwiYunivesithi yaseStellenbosch
Umhla wokuvunywa	28 Novemba wama2022
Wamkelwe	Libhunga leYunivesithi yaseStellenbosch
Amagama angundoqo	Uphawu lorhwebo, inhrendi, ilayisenisi, imveliso eyilwe ngobungqondi

1. Intshayelelo

IYunivesithi yaseStellenbosch (ekubhekiswa kuyo njenge-“SU”)* yiyunivesithi yaseMzantsi Afrika ephanda nzulu eAfrika, itsala abafundi abagqwesileyo, iqesha abasebenzi abanetalente kwaye ibonelela ngemekobume ekumgangatho ophezulu wehlabathi. IYunivesithi yaseStellenbosch liziko elifikelela kwihlabathi liphela, elityebisa kwaye lizise inguqu kuluntu lwasekuhlaleni, ilizwekazi kunye noluntu lwehlabathi jikelele. Ekusekeni nasekuphakamiseni isidima sayo esingenasiphako, i-SU ibeka ixabiso elikhulu kwiimpawu zayo zorhwebo, eziyimveliso yeengcinga zayo neeasethi zeziko ezingaphathekiyo.

Umsebenzi wophawu lorhwebo lweYunivesithi yaseStellenbosch kukubonakalisa imvelaphi yempahla okanye yenkonzo, kunye nokuzahlula kwezinye. Ezi mpawu zorhwebo zikwabonakalisa nomgangatho ongaguqukiyo kunye nesiqinisekiso somgangatho, kunye nokuqhubela phambili ubhengezo kunye nokunyuswa kweempahla okanye kweenkonzo. Iimpawu zorhwebo zeYunivesithi yaseStellenbosch ezikwabonisa utyalomali lweziko olwenziwa ekusekweni nasekulondolozweni kwezi asethi.

Iimpawu zorhwebo zeYunivesithi yaseStellenbosch zibandakanga, kodwa kungaphelelanga apho, la magama *Universiteit Stellenbosch / Stellenbosch University / iYunivesithi yaseStellenbosch, Forward together / Sonke siya phambili / Saam vorentoe*, NEELSIE, kunye noCOETZENBURG, kunye namanqaku aboniswe kwibrand yaseYunivesithi yaseStellenbosch, aboniswe kwiManyuwali yeBrand yeSU.

Olu xwebhu lomgaqonkqubo lwenzelwe ukuququzelela, ukulawula nokugcina ukusetyenziswa kunye nelayisenisi yeempawu zorhwebo zeYunivesithi yaseStellenbosch ngeenjongo zorhwebo nezingezorhwebo.

2. Ukuphunyezwa komgaqonkqubo

Amacandelo 1.26 nele-2.5 eMveliso yeeNgcinga yeYunivesithi yaseStellenbosch achaza ukuba ukusetyenziswa kunye nokugunyaziswa kweempawu zorhwebo zeYunivesithi yaseStellenbosch kuya kuqwalaselwa ngolu xwebhu lomgaqonkqubo.

Ngokuthobela icandelo lesi-6 nelesi-7 oMthetho oyi-*Intellectual Property Rights from Publicly Financed Research and Development Act 51* ka-2008, amaziko emfundo ephakamileyo kuyafuneka ukuba aseke kwaye alondolozwe iofisi yodluliselo lwetheknoloji enikwe umsebenzi wokuchongaimveliso yeengcinga, ukuyilawula, ukuyikhusela, kunye nokuyilungiselela urhwebo.

Njengoko kuchaziwe kwicandelo 1.1 loMgaqonkqubo weMveliso yeeNgcinga weYunivesithi yaseStellenbosch, (*Intellectual Property Policy of Stellenbosch University*) nanjengoko kugunyaziswe ngokukodwa kwiziko, i-Innovus ilawula iMveliso yeeNgcinga yeYunivesithi yaseStellenbosch kunye nepotfoliyo yophawu lorhwebo. Phantsi kwesi sigunyaziso iOfisi yoPhawu loRhwebo, eseInnovus

ichonga, ikhusele ilawule neempawu zorhwebo izilungiselele urhwebo kananjalo iqhube ukusetyenziswa kolu xwebhu lomgaqonkqubo. Ngeenjongo zorhwebo, kunye nokuthobela uxanduva olugunyazisiweyo, iOfisi yoPhawu loRhwebo inokunika imvume yako konke ukusetyenziswa kweempawu zorhwebo, nazo zonke iinguqulelo ekusetyenzisweni kwazo, ngokuhambelana nemiqathango yolu xwebhu lomgaqonkqubo.

Imiqathango yomgaqonkqubo yolu xwebhu kufuneka ifundwe kunye neManyuwali yeBrendi yeYunivesithi yaseStellenbosch. Imithetho ekwiManyuwali yeBrand yeYunivesithi yaseStellenbosch, ibandakanya ibrendi yeYunivesithi yaseStellenbosch, izinto ezibonakalayo kuyo kunye nendlela yokusetyenziswa kwayo. ICandelo loQhagamshelwano lweZiko noBhengezo leYunivesithi yaseStellenbosch linoxanduva lokuphumeza iManyuwali yeBrendi yeYunivesithi le kunye nokusetyenziswa okuchanekileyo kwemo yebrendi yeYunivesithi yaseStellenbosch. Ngoko ke, ICandelo loQhagamshelwano lweZiko noBhengezo liya kunceda ekuphunyezweni kolu xwebhu lomgaqonkqubo, ngokukodwa ngokunxulumene nezinto ezibonakalayo kunye nokusetyenziswa kwemisebenzi yobugcisa ekusetyenzisweni kweempawu zorhwebo zeYunivesithi yaseStellenbosch.

Olu xwebhu lomgaqonkqubo lusebenza kubo bonke abasebenzi, abafundi, abafundi bezifundo zasemva kwezifundo zobugqirhalwazi, abasebenzi bekhontrakthi kunye nabahlohli abandwendweleyo okanye abacebisi kunye neefakhalathi, amasebe, iiyunithi, amaziko, iofisi, izikolo, imibutho, amaqela eenkampani zeYunivesithi yaseStellenbosch, kunye nabantu abanochaphazeleko, ngaphakathi nangaphandle.

Olu xwebhu lomgaqonkqubo lusebenza kuzo zonke iimpawu zorhwebo, ezibhalisiweyo nezingabhaliswanga, njengoko kucacisiwe kwipotfoliyo yophawu lorhwebo yeYunivesithi yaseStellenbosch, kwaye luquka iimpawu zorhwebo eziboniswe kuqulunqo lweManyuwali yeBrand yeYunivesithi yaseStellenbosch. IYunivesithi yaseStellenbosch ingumnini wawo onke amalungelo kunye nochaphazeleko kwezi mpawu zorhwebo, kwaye inawo amalungelo angawayo yodwa okudlulisela, okuthwalisa, kunye nawokunika ilayisenisi yezi mpawu nabani na okanye nasiphi na isigqeba. IYunivesithi yaseStellenbosch isingathe onke amalungelo ayo kuzo zonke iimpawu zorhwebo kangoko kuvumelekile ngokomthetho.

3. Iinkcazomagama

Ibrendi	Ibrendi ibonisa umfanekiso obalulekileyo kunye nomgangatho wendalo wazo zonke iimpahla okanye iinkonzo ezinikezelwa phantsi kweempawu zorhwebo eziphambili.
---------	---

<p><i>IManyuwali yeBrendi</i></p>	<p>Imithetho yale manyuwali, ngentshayeleyo emfutshane, ichaza imo yebrendi yeYunivesithi yaseStellenbosch, izinto ezibonwayo ezivunyiweyo, izikhokelo zokusetyenziswa ezongezelelweyo kunye namakhonkco onxibelelaniseko nezikhokelo zemithombo eziphambili.</p>
<p>ICandelo loQhagamshelwano lweZiko noBhengezo</p>	<p>ICandelo loQhagamshelwano lweZiko noBhengezo lenza imisebenzi yokubeka ibrendi yeYunivesithi yaseStellenbosch ngokufanelekileyo, ukuphumeza iinkqubo zoqhagamshelwano kunye nokwandisa ulawulo lobudlelane kwabachaphazelekayo.</p> <p>IBrendi kunye neSebe leMo yeZiko elikwiCandelo loQhagamshelwano lweZiko noBhengezo zigxile kulawulo lwemo yebrendi kwaye libandakanya ukuphunyezwa kwemo yebrendi, kwaye zibandakanya ukuphunyezwa kweManyuwali yeBrendi yeYunivesithi yaseStellenbosch.</p>
<p>I-Innovus</p>	<p>Icandelo lesi-6 nelesi-7 loMthetho oyi-<i>Intellectual Property Rights from Publicly Financed Research and Development Act 51</i> ka-2008 Ifuna ukuba amaziko emfundo ephakamileyo aseke kwaye agcine iofisi yodluliselo lwetheknoloji. I-Innovus izalisekisa indima yeofisi yodluliselo lwetheknoloji yeYunivesithi yaseStellenbosch.</p> <p>Njengoko igunyazisiwe liziko, ngokukhethekileyo, i-Innovus isebenza njengeqonga lwempemfumelelwano phakathi kweyunivesithi nemizimveliso kwaye</p>

	inoxanduva lolawulo lwemveliso yeengcinga nepotifoliyo yorhwebo yeYunivesithi yaseStellenbosch nolokuzilungiselela urhwebo.
imveliso yeengcinga	IMveliso yeeNgcinga isuka kubuchule nobukrelekrele bengqondo yomntu ekuyileni, futhi ikufanele ukukhuselwa ngokusemthethweni. Izinto eziphambili zeMveliso yeeNgcinga zibandakanya amalungelo awodwa omenzi, uyilo, iimpawu zorhwebo kunye nelungelo lokushicilela. Iintlobo zemveliso yeengcinga ezilandelayo zibandakanya amalungelo abavelisi beentlobo zezityalo, amalungelo abonwabisi beqonga kunye nolwazi lwemveli.
Uphawu	Nawuphi na umqondiso onokuboniswa ngokubhalwa, kubandakanya, kodwa kungaphelelwanga apho, isixhotyana sokusebenza, igama, umtyikityo, igama (elibhalwayo), iletha, ingqokelela ecwangcisiweyo, iphatheni, umhombiso, umbala, okanye isikhongozelo seempahla okanye nayiphi na ingqokelela yezi zinto zikhankanyiweyo.
Ivenkile yaseMatie	Ivenkile yaseMatie yivenkile yeYunivesithi yaseStellenbosch enemvume yokuthengisa ngokusesikweni. Imida yoshishino yeVenkile yaseMatie ilawulwa ngumgaqonkqubo wokuthenga osebenzayo kunye nemiqathango yezivumelwano ngenkonzo, ezavunywayo yiYunivesithi yaseStellenbosch. IVenkile yaseMatie iya kuba nolawulo kubonelelo ngeentengo, kuqinisekiso lomgangatho kunye norhwebo ngazo zonke iimpahla ezibonisa

	<p>iimpawu zorhwebo lweYunivesithi yaseStellenbosch, ngaphandle kokuba kufunyenwe imvume ebhaliweyo echasene noko kuMlawuli oyiNtloko: Wokusungula izinto ezintsha kunye noRhwebo njengomgcini walo mgaqonkqubo. IVenkile yaseMatie inelungelo elilodwa lokurhweba (ukuthengisa kwakhona) ngentengiso eneempawu zorhwebo zeYunivesithi yaseStellenbosch.</p>
Uphawu lorhwebo	<p>Uphawu olusetyenzisiweyo okanye olucetywayo ukuba lusetyenziswe ngokunxulumana neempahla okanye iinkonzo ngenjongo yokwahlula iimpahla okanye iinkonzo kuhlobo olufanayo lweempahla okanye iinkonzo.</p> <p>Iimpawu zorhwebo ezibhalisiweyo ziboniswa ngophawu, ® ngelixa uphawu ™ lusetyenziselwa amalungelo ophawu lorhwebo, ngokunxulumene neempawu zorhwebo ezingabhaliswanga.</p>
IOfisi yoPhawu loRhwebo	<p>Njengoko igunyaziswe ngokukhethekileyo liziko iOfisi yoPhawu loRhwebo egcinwe eInnovus ichonga, ikhusele ulawulo kunye neempawu zorhwebo, kwaye iphumeze olu xwebhu lomgaqonkqubo. Ngeenjongo zorhwebo kunye nokuthobela uxanduva lwayo olugunyazisiweyo yiOfisi yoPhawu loRhwebo inokunika imvume yako konke ukusetyenziswa kweempawu kunye nazo zonke iinguqulelo ekusetyenzisweni kwazo, ngokuhambelana nemiqathango yolu xwebhu lomgaqonkqubo.</p>
Ipotfoliyo yophawu lorhwebo	<p>Ipotfoliyo yophawu lorhwebo ibandakanya zonke iimpawu zorhwebo, ezibhalisiweyo nezingabhaliswanga, kunye nendlela eboniswe</p>

	<p>ngayo. IYunivesithi yaseStellenbosch ngumnikazi wawo onke amalungelo kunye nochaphazeleko kwezi mpawu.</p> <p>Ngokubonisana neOfisi yoPhawu loRhwebo egcinwe eInnovus, ummeli otyunjiweyo womthetho uya kunceda kulawulo lwepotfoliyo yophawu lorhwebo, kwaye uya kubonelela ngeengcebiso kunye neenkonzelo ezinxulumene notshutshiso ngophawu lwentengiso (kubandakanywa ukufumaneka kophawu lwentengiso kunye nokufakwa kwezicelo zeempawu zorhwebo, ukubhaliswa kophawu lorhwebo kunye nohlaziyo lophawu lorhwebo) kunye nesimangalo sophawu lorhwebowentengiso (kubandakanywa ukuzaliswa kwenkcaso yophawu lwentengiso kunye neenkqubo zolwetyeshelo lophawu lorhwebo).</p>
--	--

4. Iinjongo zomgaqonkqubo

Olu xwebhu lomgaqonkqubo lujolise ekuququzeleleni, ekulawuleni nasekulondolozeni ukusetyenziswa kweempawu zorhwebo zeYunivesithi yaseStellenbosch nasekuzenzeleni iilayisenisi ngeenjongo zorhwebo nezingezizo ezorhwebo

4.1. Ukuququzelela ngokunxulumene neempawu zorhwebo

- Ukuqinisekisa ukuba iimpawu zorhwebo zisetyenziswa ngokuchanekileyo, nangendlela engaguqukiyo;
- Ukuseka iinkqubo ezinxulumene nokuvunywa kokusetyenziswa kweempawu zorhwebo, kunye nokunikezela ngeelayisenisi zophawu lorhwebo;
- Ukuchonga iindawo ezisingqongileyo ezingamaziko anoxanduva lokuvunywa kokusetyenziswa kweempawu zorhwebo kunye nokunikezelwa kweelayisenisi zeempawu zorhwebo.

4.2 Ukumisela iinkqubo zolawulo olunxulumene neempawu zorhwebo

- Ukubeka iliso nokuqinisekisa ukuthotyelwa kwemimiselo yomgaqonkqubo, ukuququzelela, nokusetyenziswa kweempawu zorhwebo ngokuchanekileyo;
- Ukuqwalasela izicelo zeelayisenisi zeempawu zorhwebo, ukuvunywa kwazo, kunye nokulungiselelwa kokuqunjelwa kwezivumelwano zeelayisenisi zeempawu zorhwebo;
- Ukusebenzisa amalungelo eempawu zorhwebo kubandakanywa ukukhuselwa kwazo kunye nokuchaswa kwamabango asekelwe kutyeshelo kunye nokuxutywa kwawo.

4.3 Ulondolozo olunxulumene neempawu zorhwebo

- Ukulawula ipotfoliyo yeempawu zorhwebo kunye nemiba enxulumene nenkqubo yokutyholwa ngeempawu zorhwebo kunye nezimangalo ezimalunga neempawu zorhwebo;
- Ukuqinisekisa ukuba iimpawu zorhwebo ziyaqhubeka nokuchonga imvelaphi yeempahla kunye neenkonzelo, kwaye iimpawu zorhwebo zizalisekisa umsebenzi wokwahlula;
- Ukuncamathela kwiimpawu zorhwebo njengesixhobo soqhagamshelwano, sokubonisa umgangatho ongaguqukiyo kunye nesiqinisekiso somgangatho ukuze sisebenze njengendlela yokubhengeza nokukhuthaza nesokubonisa utyalomali olwenziwe liziko eli;
- Ukuqhuba ngokuqinisekisa ngokuthotyelwa kwemigaqo nemiqathango yezivumelwano zeelayisenisi zorhwebo ezenziwayo.

5. Izimiselo zomgaqonkqubo

Iziphumo zeendlela zolawulo olululo kunye nezimiselo zezona ziseko zolu xwebhu lomgaqonkqubo, kubandakanya, kodwa kungaphelelanga apho, nokhawulelwano, ukwenza izigqibo ezivakalayo kunye nokuthotyelwa kwezomthetho okunegalelo kuzinzo lweziko leSU kunye nokusingqongileyo okuphumelelayo.

Ukuphakamisa nokumisela isidima sayo, iYunivesithi yaseStellenbosch incamathela kwixabiso elikhulu kwiimpawu zayo zorhwebo. Olu xwebhu lomgaqonkqubo lujolise ekuququzeleleni intengiso kunye nokugcina ukusetyenziswa kunye nokukhutshwa kweelayisenisi zeempawu zorhwebo zeYunivesithi yaseStellenbosch lusenzelwa lula yimisebenzi kunye nexabiso lezi mpawu zorhwebo.

6. Imiqathango yomgaqonkqubo

6.1. Ukusetyenziswa kweempawu zorhwebo ngeenjongo ezingezizo ezorhwebo

6.1.1. Abachaphazelekayo

Eli candelo lisebenza kwiifakhalithi, kumasebe, kwiiyunithi, kumaziko, kwizigqeba, imibutho, amaqela eenkampani zeYunivesithi yaseStellenbosch, kunye nabantu abachaphazelekayo ngaphakathi nangaphandle, abavunyiweyo ngokusesikweni yiYunivesithi yaseStellenbosch kwinkqubo yayo yesiqhelo yokuqhuba ishishini.

Izivumelwano zorhwebo nezingezizo ezorhwebo ngeempawu zorhwebo zeYuniveithi yaseStellenbosch, kufuneka ijongane kwaye ilandele imiqathango yolu xwebhu lomgaqonkqubo malunga nokusetyenziswa kunye nokukhutshwa kweelayisenisi zeempawu zorhwebo (jonga ku-6.2.1).

6.1.2. Ukuvunywa kokusetyenziswa kweempawu zorhwebo

limeko zokusetyenziswa kweempawu zorhwebo zifuna imvume ebhaliweyo kwangaphambili evela kwiOfisi yoPhawu loRhwebo egcinwe eInnovus, ngaphandle kokuba usetyenziso olulolo hlobo lumiselwe ngokusesikweni *kwiManyuwali yeBrendi* yeUnivesithi yaseStellenbosch, efundwa kunye no-6.1. Isakuba inikiwe imvume yokusetyenziswa kweempawu zorhwebo yiOfisi yoPhawu loRhwebo kufuneka kufunyanwe imvume yezinto ezibonakalayo neyokusetyenziswa kwemisebenzi yobugcisa kwiimpawu zorhwebo kwiCandelo loQhagamshelwano lweZiko noBhengezo, njengoko kuchaziwe *kwiManyuwali yeBrendi* yeYunivesithi yaseStellenbosch, ukuba kufanelekile oko.

6.1.3. Utshintsho kwiimpawu zorhwebo

Iimpawu zorhwebo akufuneki ziguqulwe, kwaye kufuneka zibonise ukumelwa komzobo kunye nezinto ezibonakalayo kwipotfoliyo yophawu loRhwebo kunye neManyuwali yeBrendi yeYunivesithi yaseStellenbosch.

Ukutshintshwa kweempawu zorhwebo kufuna imvume ebhaliweyo kwangaphambili evela kwiGosa eliyiNtloko lezeMisebenzi okanye kwisiphathamandla esigunyaziswe yiyo.

6.1.4. Uqinisekiso

Iimpawu zorhwebo azinakusetyenziswa ngalo naluphi na uhlobo olubonakalisa okanye elinokuthetha ukuba iYunivesithi yaseStellenbosch iyahambisana nawo nawuphi na umbutho, intshukumo, inkampani, iimpahla, inkonzo, iqela lezopolitiko, okanye imbono, umbutho wezenkolo okanye inkolelo.

Ukusetyenziswa kweempawu zorhwebo ngendlela ebonakalisa okanye eqinisekisa olu hambiswano lweYunivesithi yaseStellenbosch lokukhankanywe ngasentla, kufuna imvume ebhaliswe kwangaphambili evela kwiOfisi yoPhawu loRhwebo egcinwe eInnovus. Isicelo sokwamkelwa kufuneka sibeke izizathu zokusetyenziswa kweempawu kunye nentsingiselo yolo hambiselwano.

6.1.5. Ukusetyenziswa ngokudibeneyo kweempawu zorhwebo

Iimpawu zorhwebo akufunekanga zisetyenziswe ngokudibeneyo neempawu zorhwebo zalo naliphi na iziko.

Nje ukuba elinye iziko linike imvume yokusetyenziswa kweempawu zalo zorhwebo, ke ukusetyenziswa ngokudibeneyo kweempawu zorhwebo kufuna imvume ebhaliweyo yangaphambili evela kwiOfisi yoPhawu loRhwebo egcinwe eInnovus. Ukuba kuthe kwanikwa imvume sebenzisa iimpawu ngokudityaniswa neempawu zorhwebo zeline iziko iimpawu zorhwebo kufuneka zahluke ngokucacileyo kwaye zahlulwe kwezinye ezi, kwaye iimpawu zorhwebo zeYunivesithi yaseStellenbosch mazingagqunywa okanye zicuthwe nangayiphi na indlela xa kuthelekiswa neempawu zorhwebo zeline iziko.

6.1.6 Ukusetyenziswa kweempawu zorhwebo okunocalucalulo Unyino nothintelo

Iimpawu zorhwebo akufuneki zisetyenziswe ngalo naluphi na uhlobo olucalula ngokuthe ngqo okanye ngokungathanga ngqo kuye nabani na okanye ngaphezulu kubandakanywa, kodwa kungaphelelanga apho, ubuhlanga, isini, ubuni, isimo sokukhulelwa, isimo somtshato, iqela lobuhlanga okanye imvelaphi yentlalo, ibala, ukwaziswa ngokwesondo, iminyaka, ukukhubazeka, inkolo, isazela, inkolelo, inkcubeko, ulwimi nokuzalwa okanye nayiphi na indlela eya kuba kukutyeshelwa kwemigaqonkqubo nezenzo zeYunivesithi yaseStellenbosch.

Ukusetyenziswa kweempawu zorhwebo ngokunxulumene, kunye nokwamkelwa kwezi mpahla okanye ezi nkonzo zilandelayo kuya kunyina ngokwemigaqo nemiqathango efanelekileyo, okanye kungavunyelwa:

- Iziselo ezinxilisayo, zixhomekeke kwiimeko¹;
- Iimpahla okanye iinkonzo eziyingozi ngokwendalo;
- Impahla okanye iinkonzo eziyingozi ngokwendalo;
- Icuba kunye neempahla okanye iinkonzo ezinxulumene nazo;
- Izinyobisi ezingekho mthethweni kunye nempahla okanye iinkonzo ezinxulumene nazo;

¹ Jonga ku-6.1.7 ngokunxulumene nokusetyenziswa kweempawu zorhwebo mayela neziselo ezinxilisayo kunye neempahla neenkono ezinxulumene newayini.

- Ukungcakaza kunye neempahla okanye iinkonzo ezinxulumene nako;
- Amanyala, ukwahlula, okanye iimpahla okanye iinkonzo ezingcolileyo;
- Iimpahla okanye iinkonzo ezinokubangela ukubekeka kwegama leziko eli emngciphekweni okanye ubutyala notyeshelo.

6.17 Ukusetyenziswa kweempawu zorhwebo ngokunxulumene neziselo ezinxilisayo kunye neempahla neenkono ezinxulumene newayini.

Ummandla waseStellenbosch weWine unelifa lemveli lenkcubeko kunye nezozoqosho ekukudala lwabakhona kwaye liziko elikhokelayo kuphando ngeWayini apha eMzantsi Afrika.

IYunivesithi yaseStellenbosch inembali eyaziwayo yokuzibandakanya nenzululwazi yomdiliya kunye newayini, kwaye isondelelene nemizimveliso yeediliya kunye newayini yaseMzantsi Afrika. Ngesi sizathu, ulungiselelo olulodwa lokusetyenziswa kweempawu zorhwebo lwenziwe ngokunxulumene neziselo ezinxilisayo kunye neempahla ezinxulumene neempahla kunye neenkono.

Ukusetyenziswa kweempawu zorhwebo ngokunxulumene neziselo ezinxilisayo kunye neempahla okanye iinkonzo ezinxulumene newayini ziya kuvunywa emva kokuba iOfisi yoPhawu loRhwebo, egcinwe eInnovus ikuthathele ingqalelo ukufaneleka kweempahla okanye iinkonzo ezinjalo kunye nomngcipheko onokuthi ubekho kwigama kunye noxanduva.

6.1.8. Ukusetyenziswa kweempawu zorhwebo kutyikityo lweimeyili

Ukusetyenziswa kweempawu zorhwebo kutyikityo lweimeyili kufuneka kuhambelane neemfuneko ezichazwe *kwiManyuwali yeBrendi* yeYunivesithi yaseStellenbosch.

6.2. Ukukhutshwa kweelayisenisi zeempawu zorhwebo ngeenjongo nezingezizo ezorhwebo

6.2.1. Abachaphazelekayo

Bonke abantu kunye namaqumrhu angaphakathi nangaphandle, abanenjongo yokusebenzisa iimpawu zorhwebo zeYunivesithi yaseStellenbosch ngokunxulumene nentengiso yorhwebo, okanye ukuthengiswa kwakhona kwempahla okanye unikezelo lweenkonzo zorhwebo, kufuneka bafumane ilayisenisi yophawu lorhwebo. Kulapho intengiso yorhwebo okanye ukuthengiswa kwempahla okanye unikezelo lweenkonzo zorhwebo lubandakanya utshintshiselwano lwemali lwalo naluphi na uhlobo okanye ngaphandle kwenjongo yenzuzo.

Kwiimeko ezithile, usetyenziso lweempawu zorhwebo olungajolisanga ekurhwebeni lunokufuna ukufunyanelwa ilayisenisi yophawu lwentengiso.

Izivumelwano zentengiso nezingezizo ezentengiso, ezinxulumene neempawu zorhwebo zeYunivesithi yaseStellenbosch, kufuneka zijongane kwaye zilandele imiqathango yolu xwebhu lomgaqonkqubo malunga nokusetyenziswa kunye nokukhutshwa kwelayisenisi yeempawu zorhwebo (jonga ku-6.1.1).

6.2.2. Ukuvunywa kwelayisenisi yeempawu zorhwebo

IOfisi yoPhawu loRhwebo egcinwe eInnovus inoxanduva lokuqwalaselwa kwezicelo zeelayisenisi zeempawu zorhwebo, kunye nokuvunywa kwayo. IsiHlomelo B solu xwebhu lomgaqonkqubo siquka ifomu yesicelo selayisenisi yophawu lorhwebo oluqhelekileyo.

6.2.3. Inkqubo yokufumana ilayisenisi yophawu lorhwebo

Inkqubo yokufumana ilayisenisi yophawu lorhwebo ibandakanyiwe kwisiHlomelo A solu xwebhu lomgaqonkqubo.

6.2.4. Isivumelwano selayisenisi yophawu lorhwebo

IOfisi yoPhawu loRhwebo, egcinwe eInnovus, inoxanduva lolawulo, uthethathethwano kunye noqulunqo lwezivumelwano zelayisenisi yophawu lorhwebo.

IOfisi yoPhawu loRhwebo iya kulawula ukuqeshwa kwamaqela akwikontrakthi kunye nenjongo yokwenza ikontrakthi, iinkcazelo ezifanelekileyo kwisivumelwano, ubungakanani bexesha lokusebenza kwesivumelwano, umda wesibonelelo selayisenisi, umba wokunikezelwa kwelayisenisi, ukubalwa kunye nokuhlululwa kwemirhumo yelayisenisi, umba wokunikezelwa kwelayisenisi, kunye nokufikelela kwiingxelo nakuphicotho lobalo kunye nokuhlululwa imali yelayisenisi, imfihlo, ukupheliswa kunye neziphumo zokupheliswa, ukulinganiselwa koxanduva, imbuyekezo, iziqinisekiso kunye nezichaso, amalungiselelo anxulumene nosombululo lweenkqabano, kwaye iya kujongana nokuthobela imiqathango yolu xwebhu lomgaqonkqubo.

6.2.5. Uxanduva lwentlalo kunye nokusingqongileyo

IYunivesithi yaseStellenbosch izibophelele ekuqhubeni imicimbi yayo yoshishino ngendlela enoxanduva lwentlalo nokusingqongileyo nangendlela esesikweni. Ngako oko, iYunivesithi yaseStellenbosch iyakuthintela ukuba iimpahla kunye neenkonzo ezineempawu zorhwebo zayo ukuba zenziwe okanye zihanjiswa phantsi kweemeko ezixhaphazayo okanye ezingenabulungisa, enyhasha

amalungelo omntu asisiseko kunye nesidima somntu, okanye ngendlela eyonakalisa indalo esingqongileyo.

7. Ulawulo lomgaqonkqubo

7.1. Imisebenzi

7.1.1. IGosa eliLawula iOfisi, njengomnini woxwebhu lwalo mgaqonkqubo

IGosa eliLawula iOfisi linoxanduva lokuphuhlisa olu xwebhu lomgaqonkqubo, ngaphakathi kwinqanaba elifanelekileyo loxanduva, kunye nokuqinisekisa ukuba uxwebhu lomgaqonkqubo lukhona kwaye nomlondolosi (kunye namaqumrhu achaphazelekayo kunye nenxaxheba) unyuliwe kwaye luqinisekisiwe ufaneleko lwakhe, kwaye umgcini (kunye namaqumrhu anxulumeneyo kunye nenxaxheba yawo) usebenza ngempumelelo.

7.1.2. Umlawuli oyiNtloko: woSungulo lweZinto Ezintsha kunye noRhwebo, njengabasebenzi beziko (umgcini) bolu xwebhu lomgaqonkqubo, noMlawuli oPhezulu: Wonxibelelwano lweNkampani kunye neNtengiso

Umlawuli oyiNtloko: woSungulo lweZinto Ezintsha kunye noRhwebo: Unoxanduva lokukhathalela uqulunqo, ulwamkelo, uhlaziyo, uqhagamshelwa, ukhululo kunye nokujonga ukuphunyezwa kolu xwebhu lwalo mgaqonkqubo, kunye nokubonelela ngoncedo kutoliko kunye nesikhokelo ngokubhekisele kuphunyezo lomgaqonkqubo.

Umlawuli oPhezulu: woQhagamshelwano lweZiko noBhengezo unoxanduva lokuphunyezwa kunye nokonganyelwa kwezinto ezibonakalayo ezinxulumene nophawu kunye nokusetyenziswa kobugcisa ekusetyenzisweni kweempawu zorhwebo zeYunivesithi yaseStellenbosch.

7.1.3. IOfisi yoPhawu loRhwebo, iseInnovus

Njengoko iziko, ligunyazise ngokukhethekileyo, iOfisi yoPhawu loRhwebo, egcinwe elInnovus ichonga, ikhusele, ilawule kwaye yenze iimpawu zorhwebo zibe zezentengiso, kwaye iphumeze olu xwebhu lwalo mgaqonkqubo. Ngeenjongo zorhwebo, kunye nokuhambelana noxanduva olugunyazisiweyo, iOfisi yoPhawu loRhwebo inokunika imvume yokusetyenziswa kweempawu zorhwebo, kunye nazo zonke iindlela ezahlukeneyo zokusetyenziswa kwayo, ngokuhambelana nemiqathango yoxwebhu lwalo mgaqonkqubo.

7.1.4. Ivenkile yaseMatie

Ivenkile yaseMatie yivenkile yokuthengisa evunyiweyo yaseMatie. Imida yeshishini leVenkile yeMatie ilawulwa ngumgaqonkqubo wokuthenga osebenzayo kunye nemimiselo yesivumelwano senkonzo eyasivumayo iYunivesithi yaseStellenbosch. Ivenkile yaseMatie, iya kusebenzisa ulawulo ekufunyanweni kweempahla, kuqinisekiso lomgangatho kunye norhwebo lwazo zonke iimpahla, olubonisa iimpawu zorhwebo zeYunivesithi yaseStellenbosch, ngaphandle kokuba kufunyenwe imvume ebhaliweyo echasene noko kuMlawuli oyiNtloko: woSungulo lweZinto Ezintsha kunye noRhwebo njengomgcini wolu xwebhu lomgaqonkqubo. Ivenkile yaseMatie inelungelo lokurhweba (ukuthengisa kwakhona) ngempahla eneempawu zorhwebo zeYunivesithi yaseStellenbosch.

7.1.5. iCandelo loQhagamshelwano lweZiko noBhengezo

iCandelo loQhagamshelwano lweZiko noBhengezo linoxanduva lokuphunyezwa kweManyuwali yeBrendi yaseYunivesithi yaseStellenbosch kunye nokusetyenziswa okuchanekileyo kwesazisi sebrendi yaseYunivesithi yaseStellenbosch. Ngoko ke iCandelo loQhagamshelwano lweZiko noBhengezo liya kunceda ekuphunyezweni kolu xwebhu lomgaqonkqubo, kodwa kungaphelelanga kwizinto ezibonakalayo ezinxulumene nokusetyenziswa komsebenzi wobugcisa ekusetyenzisweni kweempawu zeYunivesithi yaseStellenbosch.

7.2. Izenzo zokungathotyelwa

7.2.1. Nakuphi na ukutyeshelwa okanye ukungathotyelwa koxwebhu lomgaqonkqubo okanye iimbambano malunga nokutolikwa okanye ukusetyenziswa kolu xwebhu lomgaqonkqubo, okanye iimpikiswano malunga nokutolikwa okanye ukusetyenziswa kolu xwebhu, kufuneka ixelwe kwigosa leziko (umlondolozo) elinoxanduva loxwebhu lwalomgaqonkqubo.

7.2.2. Ukuba utyeshelo lungaqwalaselwanga okanye imbambano ingasonjululwanga zingadlulanga iintsuku ezingama-30 (amashumi amathathu) eso saziso, ukuba olo tyeshelo lwemigaqo okanye impikiswano enokuthi inikezelwe kumnini wolu xwebhu lomgaqonkqubo. Oko kutyeshelwa okanye loo mpikiswano iya kusonjululwa ngokwemigaqo yesiqhelo yolawulo ngokomgaqonkqubo woluleko weYunivesithi yaseStellenbosch kunye neenkqubo.

8. Uhlaziyo

Olu xwebhu lomgaqonkqubo luya kuhlaziywa rhoqo kwiminyaka emihlanu ukusukela kumhla wokuphunyezwa, okanye kwangaphambi koko, ukuba iimeko zifuna njalo.

9. Amaxwebhu axhasayo

Olu xwebhu lomgaqonkqubo luxhaswe zezi zihlomelo zilandelayo:

Isihlomelo A	Inkqubo yokufumana ilayisensi yophawu lorhwebo
Isihlomelo B	Ifomu yokufaka isicelo selayisensi yophawu lorhwebo oluqhelekileyo

10. Amaxwebhu anxulumeneyo

Lo mgaqonkqubo uxhaswe ngala maxwebhu anxulumeneyo alandelayo:

Umba	Igama	Ubume	Umninixwebhu
	<i>UMgaqonkqubo weMveliso eYilwe ngoBungqondi weyunivesithi yaseStellenbosch</i>	Wamkelwe	IGosa eliLawula iMisebenzi kwiYunivesithi yaseStellenbosch
	<i>Imanywali yeBhrendi</i>	Yamkelwe	USekela Ngqonyela: IsiCwangcisoqhinga, neMicimbi yeHlabathi neQumrhu seYunivesithi yaseStellenbosch
	<i>IsiKhokelo seSimbo soLwimi, soKuhlela nokuQulethweyo</i>	Uqulunqiwe	USekela Ngqonyela: IsiCwangcisoqhinga, neMicimbi yeHlabathi neQumrhu seYunivesithi yaseStellenbosch
	<i>UMgaqonkqubo woNxibelelwano</i>	Uqulunqiwe	USekela Ngqonyela: IsiCwangcisoqhinga,

	<i>weYunivesithi yaseStellenbosch</i>		neMicimbi yeHlabathi neQumrhu seYunivesithi yaseStellenbosch
	<i>UMgaqonkqubo ngoCalucalulo oluNgafanelekanga nokuXhatshazwa</i>	Wamkelwe	USekela Ngqonyela: Ukufunda nokuFundisa USekela Ngqonyela: iMpembelelo yoLuntu, iiNguqu nabaSebenzi
	<i>INdlela yokuziPhatha – iziNikimaxabiso</i>	Yamkelwe	
	<i>UMgaqonkqubo wokuThenga weYunivesithi yaseStellenbosch</i>	Wamkelwe	

ISIHLOMELO A: INKQUBO YOKUFUMANA ILAYISENISI YOPHAWU LORHWEBO

1. IOfisi yoPhawu loRhwebo, egcinwe eInnovus, inoxanduva lokuqwalaselwa kwezicelo zeelayisenisi zophawu lorhwebo, ukuvunywa kwazo, kunye nolawulo, uthethathethwano kunye nokuqulunqa iimvume ngeelayisenisi zeempawu zorhwebo.
2. IOfisi yoPhawu loRhwebo inelungelo lokusivuma okanye ukusala isicelo sophawu lorhwebo ngokokuthanda kwayo ngokupheleleyo.
3. Ifomu eqhelekileyo yesicelo selayisenisi sophawu lorhwebo iyafumaneka njengesihlomelo kolu xwebhu lomgaqonkqubo.
4. Lowo ufuna ilayisenisi (oya kubizwa ngokuba “ngumfakisisicelo” ngezantsi apha) kufuneka azalise kwaye angenise ifomu yesicelo selayisenisi yophawu lorhwebo lwesiqhelo.
5. Sakuba singenisiwe isicelo, iOfisi yoPhawu loRhwebo iya kusiphonononga isicelo eso, ekuboneni kwayo iya kuvandlakanya ukukulungela komfakisisicelo ukuthobela isivumelwano selayisenisi yophawu lorhwebo okunokufuneka, ukufaneleka kwempahla okanye iinkonzo, kunye nomngcipheko onokubakho kwimfanelo yesidima okanye utyeshelo olunokuthi lube sisiphumo sesivumelwano selayisenisi yophawu lorhwebo.
6. Ekusebenziseni ingqiqo yayo, iOfisi yoPhawu loRhwebo inelungelo lokuqhagamshelana nomfaki sicelo ukucacisa ulwazi olufakwe kwifomu yesicelo kunye nokucela iisampuli zempahla ukuvavanya ukufaneleka kwazo.
7. Emva kokuba isicelo siqwalaselwe, iOfisi yoPhawu loRhwebo iya kukwazisa umfakisisicelo ngokuvunywa okanye ukukhatywa kwesicelo.
8. IOfisi yoPhawu loRhwebo, iya kuqulunqa isivumelwano selayisenisi yophawu lorhwebo, ukuba inikwa umntu lowo ufaka isicelo. Ukuba kuyavunyelwana macala, uthethathethwano ngemigaqo nemiqathango efanelekileyo yesivumelwano lunokulandela.
9. Ekugqityweni kwesivumelwano selayisenisi yophawu lorhwebo, kuya kuthi kulungiselelwe utyikityo nokunye nokuthotyelwa kwaso ngokupheleleyo.

ISIHLOMELO B: IFOMU EQHELEKILEYO YESICELO SELAYISENISI YOPHAWU LORHWEBO

Le fomu isisicelo sokunikwa ilayisenisi yeempawu zorhwebo zeYunivesithi yaseStellenbosch. Le fomu isicelo sokunikwa ilayisenisi kuphela, kwaye akufuneki ithathwe njengogunyaziso lomfakisicelo okanye yokumnika ikhontrakthi yelayisenisi yeempawu zorhwebo zaseYunivesithi yaseStellenbosch.

Injongo yale fomu yesicelo kukufumana iinkcukacha ezithe vetshe, kunye nokuqinisekisa ukuba umfakisicelo uyakwazi na ukuthobela isivumelwano selayisenisi yophawu lorhwebo enokubakho, ukufaneleka kweempahla okanye iinkonzo, ezinokuthi zibeke igama leziko emngciphekweni, ubutyala okanye utyeshelo olunokuthi lubekho ngenxa yesivumelwano selayisenisi yophawu lorhwebo. Kubalulekile ukuba umfakisicelo anike iinkcukacha ezichanekileyo.

Kuxhomekeke kwiinkcukacha ezinikiweyo ngumfakisicelo, le fomu yesicelo kufuneka ingeniswe nekopi yesazisi somfakisicelo, kunye nekopi yephepha elinegama lombutho elisesikweni.

IINKCUKACHA ZOMFAKISICELO

Uhlobo lombutho:

- Umfela (Ikoporasi)
- Ubuhlakani
- Elinomnini Omnye
- Ishishini elincinane
- Umntu wendalo
- Okunye (chaza: _____)

Igama:	
Inombolo yesazisi (<i>ukuba sikhona</i>):	
Inombolo yobhaliso (<i>ukuba ikhona</i>):	
Idilesi:	
Ilizwe:	
Ikhawudi yeposi:	
Umnxeba:	
I-imeyili:	
Iwebhusayithi:	

Igama lenkampani engunozala (ukuba le nkampani yinkampani elisebe):

Afafowunelwa	Igama	I-imeyile
Umfowunelwa ophambili:		
Ezemali:		
Uphuhliso lwemveliso:		
Iintengiso:		

Umsebenzi wenkampani:

- Umvelisi
- Umhambisi
- Ubhengezo
- Igcisa/umenzi wobugcisa

Ilnombolo yerhafu yengeniso:

Inombolo ye-VAT:

AMABANGO ASEMTHETHWENI KUNYE NEINSHORENSI

Ngaba akhona nawaphi na amabango afakiweyo ngokuchasene nalo mbutho, okanye izigqeba ezinxulumeneyo nawo malunga nophawu lorhwebo, ilungelo lokushicilela, amalungelo awodwa omenzi wechiza okanye olunye utyeshelo olulolunye olumalunga nemveliso yeengcinga?

- Ewe
- Hayi

Ukuba ngu ewe, nceda uqhoboshele iphepha elilodwa elinika zonke iinkcukacha.

Ngaba kukho nawaphi na amabango etyala lemveliso afakiweyo ngokuchasene nalo mbutho okanye izigqeba ezinxulumene nawo?

Ewe

Hayi

Ukuba ngu ewe, nceda uqhoboshele iphepha elilodwa elinika zonke iinkcukacha.

IINKCUKACHA NOKWENZA ILAYISENISI

Nceda ubonise iimpawu zorhwebo ezinomdla kwilayisenisi:

Nceda ubonise ubungakanani bexesha olifunayo lokusebenza kwelayisenisi yeempawu zorhwebo:

Nceda ubonise iimpahla okanye iinkonzo eziya kusetyenziswa kuzo iimpawu zorhwebo:

UVAKALISO

Ndiyifundile kwaye ndayiqonda le fomu yesicelo kwaye ndiyatsho ukuba ngokolwazi lwam zonke iinkcukacha ezinikiweyo zichanekile, kwaye ziphelele. Ngaphezu koko, ukuba oko kufanelekile, ndiyatsho ukuba ndigunyaziswe ngokufanelekileyo ukuba ndimele lo mbutho ukhankanywe apha ngasentla. Ndikwanika iYunivesithi yaseStellenbosch imvume yokuqinisekisa iinkcukacha ezimalunga nalo mbutho ufaka esi sicelo, kubandakanya izingxelo ezivela kumaziko ajonga ubume bamatyala kunye nokuhlola imvelaphi enxulumene neerekhodi zolwaphulo mthetho. Ndiyazi ukuba ezi nkcukacha zinokusetyenziselwa ukuvavanya esi sicelo.

Igama nefani: _____

Umhla: _____

Utyikityo: _____

Buyisela, okanye uthumele ngeimeyili ifomu yesicelo selayisenisi ezalisiweyo, kwaye ukuba oko kunjalo, ikopi yesazisi somfakisisicelo, kunye nekopi yeleta yeziko enemibhalo yalo esesikweni ku:

The Trade Mark Office, Innovus

20 De Beer Street

Stellenbosch

7600

I-imeyili: trademark@sun.ac.za

*Ushunqulelomagama aluyomfuneko esiXhoseni.